# Lo ngumntakwethu

## Imibuzo phambi kokuFunda

1. Funda isihloko sebali, sithini?
2. Igama elithi mntakwethu, ucinga ukuba libhekisa kubani?



EXTRACT PAGES

Lo nguLoza umntakwethu. Uyathanda ukundilinganisa xa ndisenza izinto. Uyandilinganisa xa ndinxiba impahla.

Yintoni le uLoza athanda ukuyenza?





EXTRACT PAGES

ULoza uyandilinganisa xa ndisitya,
Ndidlala ngeblokisi, uLoza naye udlala ngeblokisi.

Chonga igama lesilo-qabane labo apha kweli phepha.




Ndidlala ngeebhloko, uLoza naye udlala ngeebhloko. Iibhloko zinemibalabala.

Aba babini babedlala ngantoni? Xela zazinjani?


EXTRACT PAGES

Ndiyancokola ndihleka nomntakwethu.
Umntakwethu naye uyancokola uyahleka.

Leliphi elinye igama olaziyo elithetha into enye nokuncokola?


EXTRACT PAGES

Ndihlamba umzimba wam. Umntakwethu naye uhlamba umzimba wakhe.

Xela izinto ozibonayo ezibonakalisa ukuba aba babini babehlamba.



EXTRACT PAGES

Umama umncedisa ukuhlamba amazinyo kuba endibona ndihlamba amazinyo.

Kutheni nje umama emncedisa uLoza ukuhlamba amazinyo?


EXTRACT PAGES

Ndifunda ibali encwadini. Umntakwethu undimamele ngeli xesha ndifundayo.

Ucinga ukuba kutheni uLoza wayemamele qha?



EXTRACT PAGES

Ndilele ebhedini yam, noLoza ulele nam. ULoza uyandibamba xa silele kaloku uyoyika.



ULoza ebefanele ukumbamba ubhuti wakhe kuba ebe__________. Gqibezela